URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Azola Njotini**
Candelo loLawulo loLwazi neNgcaciso
Azola.Njotini@westerncape.gov.za | 021 467 2289

Inombolo yefayili: 14/2/4/ASS SURVEY
Isalathiso: 20240517-3909

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0006/2024

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeProgram zePhondo, kumaGosa oCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko, nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo

**Isihloko: ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka (*Annual School Survey* (*ASS*)) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) ka-2024 yezikolo zikarhulumente neyezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo**

1. ISaveyi i-*ASS* ka-2024 yeSebe i*WCED* yezikolo zikarhulumente nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo, iya kuqhutywa **nge-05 Septemba 2024**.

2. Iinqununu kuya kufuneka ukuba zikusayinele ukuchaneka kwedatha. Umhla omisiweyo wokusayinelwa kwedatha yeSaveyi i-*ASS* ngabaphathi beeprogram zephondo nangamagosa eCandelo loCwangciso Lawulo noKuphathwa kwamaZiko, **yi-12 Septemba 2024.**

3. Phambi kokuba kusayinelwe idatha kwi-*CEMIS*, kucelwa ukuba inqununu okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya, makaqinisekise ukuba oku kulandelayo kubonakala ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*:
   (a) Bonke abafundi ababhalisileyo yaye behamba isikolo ngo-2024 bayavela ngokuchanekileyo kumabakala, kwiiklasi, nakudidi loLwimi lokuFunda nokuFundisa.
   (b) Kuzalisiwe kubhaliswa kwabafundi abatshintshwayo (abangenayo nabaphumayo) esikolweni (*Learner transfers* (*in and out*).
   (c) Kuzalisiwe ukutshintshwa kwamabakala.
   (d) Ichanekile ingcaciso yokhubazeko lwabafundi.

(e) Abafundi abaswelekileyo mababe bakhutshiwe kuluhlu lwababhalisiweyo yaye "umhla wokusweleka" urekhodwe njengoko ubhaliwe kwisatifikethi sokusweleka (*death certificate*).

4. Inqununu mayiqinisekise nokuba ihlaziyiwe yaye ingqinisisiwe ilisti yootitshala kwi-*CEMIS*, kwakunye neminyaka yamava, amabakala nezifundo ezifundiswa ngo- 2024. (makasuswe amabakala nezifundo ebezifundiswa kwiminyaka engaphambili ukuba azifanelekanga kumsebenzi katitshala ngo-2024).

5. Ukuncedisa ukungqinisiswa kwedatha yesikolo yabafundi nootitshala; kukho iingxelo zemposiso (*error reports*) ezifumanekayo ukucacisa ukuba idatha efakwe kwi-*CEMIS* yechanekileyo. Kucelwa niqinisekise ukuba zonke iimposiso ezibonisiwe zezi ngxelo ziyasonjululwa phambi kokuba zisayinelwe iingxelo.

6. Icandelo lokusayinelwa kwe-ASS malizaliswe ukuvuma ukungqinisiswa kwedatha njengebonakalisa ngokuchanekileyo inani lobhaliso labafundi nenani labasebenzi (*staff*) njengokuba enjalo **nge-05 Septemba 2024.**

7. Njengegosa le-*Education Management Information Systems* (*EMIS*) leziko, inqununu mayilawule iinkqubo zedatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokungqinisiswa neesignitsha zabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya okutshekisha idatha zinokunikwa abaphichothi-zincwadi xa kuceliwe oko. Inkqubo yedatha ye-*EMIS* yesikolo mayirekhodwe ukuqinisekisa uxanduva lokuphendula ngokuchaneka kwedatha, njengokuba ingcaciso inokuphicothwa.

8. Iyafumaneka ingxelo ye-*CEMIS* ukulungiselela ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zezazisi nokuququzelela ukufakwa kwikhompyutha kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi esemthethweni, niyacelwa nibacebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo sencwadi yesazisi kwiSebe leMicimbi yezeKhaya (*DHA*). Iinqununu zikhunjuzwa ngeSetyhula 0053/2021, (Ukwamkelwa kwabafundi abangabemi baseMzantsi Afrika okanye abangabemi belinye ilizwe (*foreign*) abangenawo amaxwebhu asemthethweni), yomhla we-09 Matshi 2022, yaye ziyacelwa ukuba zibancedise abazali apho kufanelekileyo ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

9. ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo nokuqinisekiswa komgangatho wedatha yawo onke amaxwebhu angenisiweyo eSaveyi i-*ASS* yaye liya kunika ingxelo kwiNtloko yezeMfundo ngazo naziphi na izenzo zokungathotyelwa, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha.

10. Ziyakhunjuzwa izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo ukuba mazibe nolwazi ngemiqathango yazo yobhaliso. Kucelwa kuqatshelwe ukuba ukuzilandela mbo iimfuno ezimiselweyo zedatha zeSebe i*WCED*, kuyinxalenye yale miqathango yaye ukungathotyelwa kwayo kunokukhokelela ekukhutshweni kweziko ezincwadini zobhaliso.

11. Apho kuye kwakho iingxaki kwisistim xa kuzaliswa iSaveyi i-*ASS*, niyacelwa ukuba niqhagamshelane ne-Ofisi eyenza iiNkonzo ze-*IT* yeZikolo apha 021 834 4690 okanye apha: SchoolsIT.Servicedesk@westerncape.gov.za

12. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kweSaveyi i-*ASS*, niyacelwa niqhagamshelane nentloko yokunika inkxaso kubafundi yesithili okanye negosa lesistim yengcaciso elifanelekileyo elidweliswe apha ngezantsi:

**Amagosa eCandelo loLawulo noKuphathwa kwaMaziko kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo**

| Umntu emakuqhagamshelwane naye | Inombolo yefoni | Idilesi ye-imeyili |
|---|---|---|
| Vensen Sabad | 021 467 2050 | Vensen.Sabad@westerncape.gov.za |
| Kubeshini Govender | 021 467 2548 | Kubeshini.Govender@westerncape.gov.za |
| Ghalid Jacobs | 021 467 2582 | Ghalid.Jacobs@westerncape.gov.za |

**Abaphathi beeProgram zePhondo kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa zikaRhulumente**

| Izikolo/amaziko | UMphathi weprogram | Inombolo yefoni | I-imeyili |
|---|---|---|---|
| Hospital schools | Rhoda Manuel | 021 467 2227 | Rhoda.Manuel@westerncape.gov.za |
| Severe intellectual disability | Dheena Achary | 021 467 2122 | Dheena.Achary@westerncape.gov.za |
| Specific learning disability, physical disability, cerebral palsy/blind | Rhoda Manuel | 021 467 2227 | Rhoda.Manuel@westerncape.gov.za |
| Autism | Denville Dawson | 021 467 2223 | Denville.Dawson@westerncape.gov.za |
| Deaf | Joeline McKerry | 021467 2227 | Joeline.McKerry@westerncape.gov.za |
| Schools of Skills | Zola Ndika | 021 467 2223 | Zola.Ndika@westerncape.gov.za |

**Amagosa esistim yengcaciso**

| Isithili semfundo | Umlawuli wesithili we-*CEMIS* | Inombolo Yefoni | Idilesi ye-imeyili |
|---|---|---|---|
| *Metro North* | Siviwe Mdelo | 021 938 3052 | siviwe.mdelo@westerncape.gov.za |
| *Metro Central* | Anita McGrath<br>Tercia Southgate | 021 514 6751<br>021 514 6737 | anita.mcgrath@westerncape.gov.za<br>tercia.southgate@westerncape.gov.za |
| *Metro South* | Anastasia Kinnear<br>Masixole Stofile | 021 370 2120<br>021 938 3052 | anastasia.kinnear@westerncape.gov.za<br>masixole.stofile@westerncape.gov.za |
| *Metro East* | Buseka Ndinisa<br>Thembeka Dlamini | 021 900 7053<br>021 900 7011 | buseka.ndinisa@westerncape.gov.za<br>thembeka.dlamini@westerncape.gov.za |
| *West Coast* | Kurt Lewis (acting) | 021 860 1202 | kurt.lewis@westerncape.gov.za |
| *Cape Winelands* | Kevin van Eeden<br>Ferrin Stellenboom | 023 348 0635<br>023 348 0635 | kevin.vaneeden@westerncape.gov.za<br>ferrin.stellenboom@westerncape.gov.za |
| *Overberg* | Suzanne Braaf | 028 214 7390 | suzanne.braaf@westerncape.gov.za |
| *Eden and Central Karoo* | Romelda America<br>Keith Zibi | 044 803 8367<br>044 803 8346 | romelda.america@westerncape.gov.za<br>keith.zibi@westerncape.gov.za |

13. ISebe *iWCED* liyalithakazelela igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye lijonge ngethemba kwintsebenziswano yenu eya kuqhubeka okoko ngo- 2024.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-06-14